



Province of the
EASTERN CAPE
EDUCATION

**NATIONAL
SENIOR CERTIFICATE**

IBANGA 12

SEPTEMBER 2021

**ISIXHOSA ULWIMI LOKUQALA OLONGEZELELWEYO
ISIKHOKELO SOKUMAKISHA (FAL)
IPHEPHA LESIBINI (P2)**

AMANQAKU: 70

Esi sikhokelo sokumakisha sinamaphepha ali-16.

ISIKHOKELO SOKUMAKISHA

1. Umfundi akavumelekanga ukuphendula ngaphezu kombuzo omnye kwijenra enye.
2. Ukuba umfundi unike iimpendulo ezimbini apha le yokuqala ingamkelekanga, ize le yesibini ibe yeyamkelekileyo, makisha le yokuqala **ungayihoyi** le yesibini nokuba yiyo ayiphendule kakuhle.
3. Ukuba imibuzo inonjolwe ngendlela engeyiyo, makisha ngokwendlela ekunonjolwe ngayo kwimemo.
4. Ukuba impazamo yopelo inika ntsingiselo yimbi kule ibilindelwe, musa ukunika inqaku kuloo mpendulo. Ukuba ayiyichaphazeli intsingiselo, nika inqaku ngokufanelekileyo.
5. Ukuba umfundi akazisebenzisanga iimpawu zocaphulo apha ayalelwe ukuba acaphule, **makangohlwaywa**.
6. **Kwimibuzo evulelekileyo**, akukho manqaku anikwa uEWE/HAYI okanye u-NDIYANGQINELANA/ANDINGQINELANI. Isizathu/Ukuxhasa/Ukungqina yeyona nto mayinikwe ingqalelo.
7. Akukho manqaku aya kwabelwa uYINYANI/ASIYONYANI okanye LULUVO/YINYANI. Isizathu/Ukuxhasa/Ukungqina yeyona nto mayinikwe ingqalelo.

ICANDELO A: INOVELI**UMBUZO 1: KUSA KUSIHLWA – K.S. BONGELA****ISICATSHULWA A**

- 1.1 1.1.1 UThamsanqa ungumninawa kaLungile ✓/ bazalwa kunye ✓ / ULungile ngumkhuluwa kaThamsanqa. ✓ (1)
- 1.1.2 Kungokuba wayexoxe akavumelana noNomakhwezi ngomcimbi wokucelwa kukaThamsanqa ukuba aze kujonga ivenkile. ✓✓ (2)
- 1.1.3 Kunjalo kuba UNomakhwezi ungqwabalala, akathethi ngambeko xa ethetha nomyeni wakhe uLungile ✓✓/ kuba uNomakhwezi usoloko elugcwabevu ngumsindo edla ingxabano emzini wakhe. ✓✓ (2)
- 1.1.4 Uyindwendwela ✓✓ /uyihambela ✓✓/ uyivakashela. ✓✓ (2)
- 1.1.5 Seseli xesha lokhanyo ✓/ seseli xesha lempucuko. ✓ (1)
- 1.1.6 B ✓/ B ulwimi oludlelelelayo ✓/ ulwimi oludlelelelayo. ✓ (1)
- 1.1.7 Ngowokuphumelela asinde kumayelenqe enziwe nguNozililo okumbulala. ✓✓ (2)
- 1.1.8 Lelokuyondelelana kwezinto ✓ kuba impixano iya ikhula ngokukhula. ✓✓ (3)
- 1.1.9 Kunjalo kuba yabanguye oshiyeka engumzali kuMpumelelo akube eswelekile yena uLungile noNomakhwezi. ✓✓ (2)
- 1.1.10 Ngowokuba ekunyamezeleni ukho umvuzo ✓✓/ ngowuba akuhlali kukubi ebomini, akho amaxesha okukhanya.
[Nayiphi impendulo echanekileyo iya kwamkeleka.] (2)

KUNYE

ISICATSHULWA B

- 1.2 1.2.1 Lelokuvuyisana noMpumelelo kuba ephumelele izifundo zakhe. ✓✓ (2)
- 1.2.2 (a) Ngumfanekiso-ngqondweni weliso ✓/ owokubona. ✓ (1)
- (b) Ukuphinyela komntu ezama ukuphutshuluka phakathi kwabantu bengakwazi kumbamba. ✓✓ (2)
- 1.2.3 Sesokubanjwa kootsotsi ababethunywe nguNozililo ukuba batshise ivenkile yakwaNtsibande. ✓✓ (2)
- 1.2.4 Ngokuthi ibenguLizzie othandana nesigebenga esasithengwe nguNozililo ukuba sibulale uMpumelelo emdanisweni, yabanguye osindisa uMpumelelo ekugwazweni sesi sigebenga. ✓✓ (2)
- 1.2.5 Kukuba wayecinga ukuba iyelenqe lakhe lokubulala uMpumelelo liphumelele. ✓✓ (2)
- 1.2.6 Ngumxholwana wobugebenga. ✓✓ (2)
- 1.2.7 Yinoveli engemiba yentlalo ✓ kuba idandalazisa iimeko zentlalo yabantu. ✓ (2)
- 1.2.8 Limfanele kuba ukwazile ukoyisa imiqobo abekelwe yona nguNozililo wada waphumelela waba nguggirha ophume izandla. ✓✓ (2)
- [35]

AMANQAKU ECANDELO A: **35**

OKANYE

UMBUZO 2: UMQOL'UPHANDLE – P.M. NGANI**ISICATSHULWA C**

- 2.1 2.1.1 Bangamapolisa ancedisana nokugcina umthetho njengoHlobo ukuba engumcuphi ✓ / bangabantu bomthetho bonke. ✓ (1)
- 2.1.2 Kungokuba wayesenza uphando lwetyala lokubulawa kukaEddie osisithandwa sikaLinda ngoko ke engafuni ukuba abantu bangene ngenxa yokoyikisela ukuba bangaluphazamisa uphando lwakhe. ✓✓ (2)
- 2.1.3 Kunjalo kuba uEddie wayengudlalani onezithandwa ezininzi kuba nangoku aswelekayo wayehamba noLulama emotweni hayi uLinda kwakugcwele apho yingqokelela yezinto ezakhayo kunye nemfitshi-mfitshi yamabhinqa. ✓✓ (2)
- 2.1.4 Liqela ✓✓ / yintlaninge. ✓✓ (2)
- 2.1.5 Seseli xesha lokhanyo ✓/ seseli xesha lempucuko. ✓ (1)
- 2.1.6 B ✓/ B ulwimi oludleleləyo ✓/ ulwimi oludleleləyo. ✓ (1)
- 2.1.7 Ngowokuphumelela ukubamba de kugwetywe abona babulali bakaEddie. ✓✓ (2)
- 2.1.8 Lelokuyondelelana kwezinto ✓ kuba impixano iya ikhula ngokukhula. ✓✓ (3)
- 2.1.9 Kunjalo kuba yabanguDuma Hlelo ohambisa ngeenkukacha ezibalulekileyo kuHlobo ngenjongo yokusindisa uLinda ✓✓/ nguye owanikisa ngobungqina ngendlela amazi ngayo uLinda namalungu aseMoonglow awathi andwendwela kwaLinda ✓✓/ waveza ukumazi uLinda nendlela athandana ngayo noEddie ✓✓/ nguye owaba ngumkhuseli kaLinda ngethuba wayejijisana noHlobo ✓✓/nguye owabasesona sicaka sithembakeleyo sikaLinda emhambela ematyaleni ✓✓/ nguye owayeqinisekisa ukuba ummeli kaLinda uKhumalo unolwazi ngokubanjwa kukaLinda. ✓✓
- [Nayiphi enye kwezi.] (2)
- 2.1.10 Ngowokuba ingalo yomthetho inde ✓✓/ ngowokuba akukho nto ifihlkala kwaphela. ✓✓
- [Nayiphi impendulo echanekileyo iya kwamkeleka.] (2)

KUNYE

ISICATSHULWA D

- 2.1 2.2.1 Wayetshintsha amavili emoto kaLinda. ✓✓ (2)
- 2.2.2 (a) Ngoweliso. ✓ (1)
- (b) Umntu omi bhuxe ethintela ukuba kungangeni mntu kuloo mnyango. ✓✓ (2)
- 2.2.3 Sesokubulawa kukaEddie Maga noLulama Zuma. ✓✓ (2)
- 2.2.4 Ngokuthi ibenguJoe Bumba onikisa ngeenkukacha zeTape Recorder kuHlobo ✓✓/ nguJoe Bumba owaveza iinkukacha ngenenekazi elingaziwayo elangena ebhayaskophu ngobusuku bokufa kukaEddie ✓✓/ nguJoe owaveza ubungqina ngemoto nendawo eyemisa kuyo yaze yacima izibane. ✓✓
[Nayiphi enye kwezi.] (2)
- 2.2.5 Kukuba wayembona uHlobo njengomntu oze kuhlasela usisi wakhe ongenzanga nto. ✓✓ (2)
- 2.2.6 Ngumxholwana wobugebenga. ✓✓ (2)
- 2.2.7 Yinoveli engemiba yentlalo ✓ kuba idandalazisa iimeko zentlalo yabantu. ✓ (2)
- 2.2.8 Limfanele kuba ukwazile ukulinda ithuba elide engade atshatwe nguEddie. ✓✓ (2)
[35]

AMANQAKU EWONKE: 35

UMBUZO 3**UMONWABISI: ZAMA A. JAPHTA****ISICATSHULWA E**

- 3.1 3.1.1 Wayengazalani koko wayezelelwe kwaThandabantu ngunina owayesisimumumu engaziwa apho wayesuka khona. ✓ (1)
- 3.1.2 Kungokuba abantu baseNtshiqo neziphaluka baqaphela ububele bakhe nezinwe baza bathiya ivenkile yakhe ukuba kukwaThandabantu baza naye bamthiya igama lokuba nguThandabantu ngenxa yobubele nothando lwakhe. ✓✓ (2)
- 3.1.3 Kungokuba aba bantwana bakaMaMtolo babenomona bubukho bukaMonwabisi phakathi kwekhaya kungekho nto abenza yona yena uMonwabisi ukubenza bazine bethathelwe indawo yabo ✓✓ /abantwana bakaMamTolo babemchukela nje kungekho sizathu kuba yena wayemncinci kunabo engabenzi nto imbi. ✓✓ (2)
- 3.1.4 Ubungqwabalala. ✓✓ (2)
- 3.1.5 Seseli xesha lokhanyo ✓/ seseli xesha lempucuko. ✓ (1)
- 3.1.6 B ✓/ B oluchukumisayo ✓/ oluchukumisayo. ✓ (1)
- 3.1.7 Ngowokuphakama abuyele kwimeko encumisayo ecetyiswe nguMonwabisi emva kokunikezela akufumanisa ukuba amashishini akhe atshabalele ✓✓/ ngowokufezeka kwephupha lakhe nokubuya kwesidima sakhe sobudoda ebesele esibona sisimka xa amashishini akhe ebhanga. ✓✓ (2)
- 3.1.8 Lelokuyondelelana kwezinto ✓ kuba impixano iya ikhula ngokukhula. ✓✓ (3)
- 3.1.9 Kunjalo kuba yaba nguZangone onika uMonwabisi imiqathango malunga nolawulo lwamashishini kaThandabantu. ✓✓ (2)
- 3.1.10 Ngowokuba ekunyamezeleni ukho umvuzo ✓✓/ ngowokuba impumelelo isentabeni. ✓✓ (2)

KUNYE

ISICATSHULWA F

- 3.2 3.2.1 Kungokuba wayephiwe ivenkile ukuba ibeyeyakhe asebenze kuyo ✓✓/ kungokuba yayisele inguye umnini-venkile. ✓✓ (2)
- 3.2.2 (a) Ngumfanekiso ngqondweni weliso ✓/ ngowokubona. ✓ (1)
- (b) Ngowomntu omde omkhulu ngomzimba ✓✓/ ngowomntu osukileyo egadeni onesiqu. ✓✓ (2)
- 3.2.3 Sesokusweleka kukaGcinumzi unyana wakhe. ✓✓ (2)
- 3.2.4 NguMonwabisi obangele ukuba uThandabantu angaphelelwa lithemba lokuba unaye unyana akuswelekelwa ngowakhe, uGcinumzi, ude wamnceda nasekuvuseni amashishini akhe esifa ✓✓/ nguMonwabisi ovuselele amashishini kaThandabantu wangumthuthuzeli normxolelanisi kusapho lakwaSihlunu olwalungamboneli ntweni ngaphambili. ✓✓ (2)
- 3.2.5 Sesokuba wayezakuqeshiselwa ukuqhube le venkile yayiyeyakowabo ngaphambili ngoko ke wayeyazi ukuba imali iza kungena ngokukhawuleza xa amatanki esekho. ✓✓ (2)
- 3.2.6 Ngowobuntu. ✓✓ (2)
- 3.2.7 Yinoveli engemiba yentlalo ✓ kuba idandalazisa iimeko zentlalo yabantu. ✓ (2)
- 3.2.8 Limfanele kuba ukufika kwakhe ebomini bukaThandabantu ufile wamonwabisa kakhulu ngendlela abeluncedo ngayo ukususela ekhaya ukuya kumashishini kaThandabantu. ✓✓ (2)
- [35]**

AMANQAKU ECANDELO A: **35**

OKANYE

ICANDELO B: IDRAMA**UMBUZO 4: NDIYEKENI: D.M. JONGILANGA****ISICATSHULWA G**

- 4.1 4.1.1 UNonci yinkosikazi kaMadala ✓/ ngumntu nenkosikazi yakhe. ✓ (1)
- 4.1.2 Kungokuba wayeyekucela uncedo lokuba angagxothwa esikolweni njengoko uMadala engusihlalo wekomiti yesikolo ethatha izigqibo esikolweni ✓✓/ wayeyokucela ukuba athethelelwwe njengoko wayesazi ukuba wayekhe wamnceda ngaphambili kuba engusihlalo. ✓✓ (2)
- 4.1.3 Kunjalo kuba uthe akuxoxiswa uNdila eofisini kaMawonga oyinqununu yaseNobutho, kwacaca ukuba nguye omakabethe ngenqindi phantsi emxelela uNdila ukuba umsebenzi wakhe uyaphela. ✓✓ (2)
- 4.1.4 Ukuzifaka ingxaki. ✓✓ (2)
- 4.1.5 Seseli xesha lokhanyo ✓/ seseli xesha lempucuko. ✓ (1)
- 4.1.6 B ✓/ B oludlelelelayo ✓/ oludlelelelayo. ✓ (1)
- 4.1.7 Ngowokungena emgibeni wokunxila. ✓✓ (2)
- 4.1.8 Lelokuyondelelana kwezinto ✓ kuba impixano iya ikhula ngokukhula. ✓✓ (3)
- 4.1.9 Kunjalo kuba watsho waziwa umkhuba kaNdila wokunxila nokuthuma abantwana besikolo utsywala esirhoxweni ngexesha lesikolo. ✓✓ (2)
- 4.1.10 Ngowokuba impindezelo ayilunganga kuba ibuya ngaye umntu oyenzayo. ✓✓ (2)

KUNYE

ISICATSHULWA H

- 4.2 4.2.1 Kukuba uZanele eza kufumana omnye umntu azakuxhwitha kuye imali njengoko engasenamali uMawonga. ✓✓ (2)
- 4.2.2 (a) Ngumfanekiso-ngqondweni weliso ✓/ ngowokubona. ✓ (1)
- (b) Ukusithela ungabonakali nakancinci. ✓✓ (2)
- 4.2.3 Sesokuba wayephelelwe ngumsebenzi engasenayo imali yokubheja uZanele, naye Funeka. ✓✓ (2)
- 4.2.4 NguJerry owasetyenziswa nguFuneka ukutsala uMawonga amfundise utywala. ✓✓ (2)
- 4.2.5 Kungokuba uThandiwe wayethathe isigqibo sokuba akasoze alwe, uya kuzibuyela uMawonga akuthanda ✓✓/ wayengafuni ukuthoba isidima sakhe esoyika ukuba hleze uMawonga amphoxe phambi koZanele. ✓✓ (2)
- 4.2.6 Ngowenkohlakalo ✓✓/ ngowokungabikho kothando lokwenyani ✓✓ / ngowentliziyo engcolileyo engenabuntu. ✓✓ (2)
- 4.2.7 Ngumdlalo oyintlekele ✓ kuba inesiphelo esinokufa nosizi. ✓ (2)
- 4.2.8 Limfanele kuba nguye obase umlilo wokutshisa uNdila aphelelwe ngumsebenzi ikwanguye nobethundeza uNdila efuna ukuba aziphindezele kuMawonga ✓✓/ nguye noye kuMadala baze babiza abahloli ukuze uMawonga abhaqwe enxilile aze agxothwe kuqeshwe yena endaweni kaMawonga ✓✓/ ngumphembi wemililo. ✓✓
- [Nayiphi enye kwezi.] (2)
[35]

AMANQAKU ECANDELO B: 35

OKANYE

UMBUZO 5: INZALA YAMARHAMBA: M. MLOKOTI**ISICATSHULWA I**

- 5.1 5.1.1 UMaTshezi yinkosikazi kaNcaphayi ✓/ ngumntu nenkosikazi yakhe. ✓ (1)
- 5.1.2 Kungokuba wayeselengene kumgibe kaNoyongo wokumloba ngeselula ukuze abelixhoba likaThambolenyoka ✓✓/ iBlackberry ayinikwe nguNoyongo yayisele isitshintshile isimo sakhe engasalawuleki. ✓✓ (2)
- 5.1.3 Kunjalo kuba wayengabambeki ehamba iindlela ezingaqondakaliyo. ✓✓ (2)
- 5.1.4 Imkhathazayo ✓✓/ imhluphayo. ✓✓ (2)
- 5.1.5 Seseli xesha lokhanyo ✓/ seseli xesha lempucuko. ✓ (1)
- 5.1.6 B ✓/ B ebethelelekileyo ✓/ ebethekileyo. ✓ (1)
- 5.1.7 Kukuphumelela ukubambisa uThambolenyoka ade agwetywe iminyaka engama-25 ejele kuphele ukuxhatshazwa kwabantwana abangamantombazana. ✓✓ (2)
- 5.1.8 Lelokuyondelelana kwezinto ✓ kuba impixano iya ikhula ngokukhula. ✓✓ (3)
- 5.1.9 Kunjalo, kuba wathi uDina akusebenzisana noSajini Gxalaba watsho wabanjwa uThambolenyoka obekade engafunyanwa yingalo yomthetho. ✓✓ (2)
- 5.1.10 Ngowokuba kuthatha umntu omnye ukumela inyaniso nobulungisa ukuze kutshintshe iimeko zabanye abantu. ✓✓ (2)

KUNYE

ISICATSHULWA J

- 5.2 5.2.1 Kukufumanisa ukuba kuyaswelekwa ngabasebenzi bakhe naye ngoku usexhaleni lokuba angasuka alandele kwaye basweleka ngendlela enye ebonakalisa ukuba abatsotswanga kuba izipaji zabo zifunyanwa zisekubo bona beswelekile. ✓✓ (2)
- 5.2.2 (a) Ngumfanekiso-ngqondweni weliso ✓ ngowokubona. ✓ (1)
- (b) Ukulala natya komntu ongenalulawulo lomzimba wakhe kuba engasaphefumli. ✓✓ (2)
- 5.2.3 Sesokuthiyisela uThambolenyoka ngokuthi bathathe ooNozici baye kubavalela bakuggiba bathathe unodoli omkhulu bamgqume ngelaphu eluhlaza ✓✓/ yindlela enye abasweleka ngayo abaqeshwa bakhe kuba bonke bahlatywa ngencula omnye emva komnye. ✓✓ (2)
- 5.2.4 Ngokuthi ibenguye oloba uDina ukuze ekuggibeleni abanjwe uThambolenyoka ✓✓/ ngokuthi ibenguye oloba uDina ngeselula emthembisa ngomsebenzi wasehotele, uDina ecinga ukuba ngowobuweyitala kanti kuloko eza kumdibanisa noThambolenyoka amxaphaze, amxaphazise nangabatyeleli kwibotele yakhe emtyisa neziyobisi. ✓✓ (2)
- 5.2.5 Sesokuba uThambolenyoka wayebagxagxamisa ebathuka ethetha kakubi nabo ✓✓/ ebenyanzela ukuba babambe intombazana enxibe impahla emnyama eyoyikekayo akholelwa ukuba yiyo le ibulele ooNozici. ✓✓ (2)
- 5.2.6 Ngowokuxhaphaza abantwana abangamtombazana ✓✓/ ngowokubulala ikamva lamantombazana ngesondo neziyobisi. ✓✓ (2)
- 5.2.7 Yidrama eyintlekele-siyoliso ✓ kuba inesiphelo esibi kanti kukwakho nemincili yokuphumelela kukaDina. ✓ (2)
- 5.2.8 Limfanele kuba izenzo zakhe zokungcola zihlabu njengethambo lenyoka elinobuhlungu nobungozi. ✓✓ (2)
- [35]**

AMANQAKU ECANDELO B: **35**

OKANYE

ICANDELO C: AMABALI AMAFUTSHANE**UMBUZO 6: IKHIKHZELA LASEDANGWANA – LL NGEWU & E.Z GUQA****ISICATSHULWA K****IKHIKHZELA LASEDANGWANA**

- 6.1 6.1.1 UFanabekho ngunyana kaMaNkosohlanga. ✓ (1)
- 6.1.2 Wayekhathazekile ngokuswelekelwa nguyise waza walishiya ngomhla womngcwabo ikhaya lakhe watshipha. ✓✓ (2)
- 6.1.3 Kukuba wayeshiyeyeke yedwa ebomini kungasekho bani kuba umyeni wakhe eswelekile nonyana wakhe etshiphile. ✓✓ (2)
- 6.1.4 Idlaka ✓✓/ ifihlo. ✓✓ (2)
- 6.1.5 Seseli xesha lokhanyo ✓/ seseli xesha lempucuko. ✓ (1)
- 6.1.6 B ✓/ B olurheshayo ✓/ olurheshayo. ✓ (1)
- 6.1.7 Ngowokusinda ezandleni zabahlali ababembethela ukumbulala ukuze athathe isigqibo sokubuyela ekhaya. ✓✓ (2)
- 6.1.8 Lelokuyondelelana kwezinto ✓ kuba impixano iya ikhula ngokukhula. ✓✓ (3)
- 6.1.9 Kunjalo kuba wayeza kufela emanyalenengaziwa ngunina ukuba uphi. ✓✓ (2)
- 6.1.10 Ngowokuzithoba ✓✓/ ngowokuziqonda. ✓✓ (2)

KUNYE

ISICATSHULWA L**UMNTU AKALAHLWA- LL NGEWU**

- 6.2 6.2.1 Kukumitha kweentombi zakhe zisafunda. ✓✓ (2)
- 6.2.2 (a) Ngumfanekiso-ngqondweni weliso ✓/ ngowokubona. ✓ (1)
- (b) Ukuphuma ngokukhawuleza kwindawo emxinwa. ✓✓ (2)
- 6.2.3 Kungokuba babegxothiwe nguMathidala. ✓✓ (2)
- 6.2.4 Ngokuthi amkele abantwana bomnakwabo akubagxotha yena ✓✓/ ngokuthi abeyindawo yokubalekela bakugxothwa nguyise abantwana ✓✓/ ukubamkela bakugxothwa nokuzama ukuxolelanisa nangona engakhange aphumelele. ✓✓ (2)
- 6.2.5 Kungokuba wayemoyika uMathidala kuba wayengqwabalala kakhulu. ✓✓ (2)
- 6.2.6 Ngowenkohlakalo ✓✓/ ngowesohlwayo esibonisa ukungabinaluvelwano. ✓✓ (2)
- 6.2.7 Libali elingemiba yentlalo ✓ kuba lidandalazisa imiba yentlalo. ✓ (2)
- 6.2.8 Limfanele kuba ubathandile abantakwabo, uwe evuka nabo bade baphumelela ebomini. ✓✓ (2)
- [35]

AMANQAKU ECANDELO C: **35**

OKANYE

ICANDELO D: ISIHOBE**UMBUZO 7: IVAMNA BAFAZI BOLUSU – S Maputi nabanye****IYUNIVESITHI YASEFORT HARE – S. MAPUTI**

- 7.1 7.1.1 Kuthethwa ukuba idolophu yaseDikeni ixhathise ngale dyunivesithi yaseFort Hare kwaye kufumaneka ulwazi oluninzi kule dyunivesithi ngenxa yokutyeba kwayo. ✓✓ (2)
- 7.1.2 “Ubombo lujonge ezantsi.” ✓✓ (2)
- 7.1.3 Imbongi yonwabile ✓ kuba kuba incoma, ikhahlela idyunivesithi yaseDikeni. ✓ (2)
- 7.1.4 (a) Ngumfanekiso-ngqondweni weliso ✓/ owokubona. ✓ (1)
- (b) Umbele ogcwele ubisi ekulindeleke ukuba kondliwe usapho kuwo. ✓✓ (2)
- 7.1.5 Yindlala ✓ nentlupheko. ✓ (2)
- 7.1.6 B ✓/ B yimpinda ✓/ yimpinda. ✓ (1)
- 7.1.7 “Nabaphambuki imbala bafunda lutho.” ✓✓ (2)
- 7.1.8 Ngutata uNelson Mandela ✓✓ (2)
- 7.1.9 Ngowokuncoma idyunivesithi yaseDikeni ngemisebenzi yayo emihle eyenzele uluntu. ✓✓ (2)

KUNYE

UNJINGALWAZI P.T MTUZE – Z. MTUMANE

- | | | | |
|-----|-------|---|-----|
| 7.2 | 7.2.1 | Sivulwa ngesikhahlelo, Aa! ✓✓ | (2) |
| | 7.2.2 | Ngowomntu ofundileyo othwele izidanga. ✓✓ | (2) |
| | 7.2.3 | E-UNISA ✓
E-Rhodes ✓
E-Kapa ✓ | (3) |
| | 7.2.4 | Kuthiwa wayefunda ngekhandlela. ✓✓ | (2) |
| | 7.2.5 | KuNjingalwazi P.T. Mtuze. ✓ | (1) |
| | 7.2.6 | Esi sibongo sakhiwe ngezitanza ezithathu ezinemiqolo engalinganiyo. ✓✓ | (2) |
| | 7.2.7 | Ngowokuba uNjingalwazi usebenze ngeelwimi, isiXhosa nesiNgesi esebezenzela ukuba iintlanga zezi lwimi zikwazi ukuvana. ✓✓ | (2) |
| | 7.2.8 | Owokuba umntu makasebenze kakuhle ukuze aziwe ngemisenzi yakhe emihle. ✓✓ | (2) |
| | 7.2.9 | NguZ. Mtumane. ✓ | (1) |

AMANQAKU ECANDELO D: 35

AMANQAKU EWONKE: 70